



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**ULWIMI OLUNGAMKELEKANGA
EPALAMENTE**

UXWEBHU LWEMIBA 14

UPHENGULULO 1, 5 JULAYI 2016

Ilungelo lentetho ekhululekileyo phakathi ePalamente livumeleke kuphela ekubeni aMalungu angasebenzisi ulwimi oluthukayo okanye olungekho similweni.

IGosa eloNgameleyo lingasebenzisa ubulumko balo ukugqiba ukuba ingaba intetha ethile iyathuka okanye ayikho similweni na kwaye ke ngoko ayivumelekanga epalamente. Ekuthabatheni isigqibo, iGosa eloNgameleyo likhokelwa yimiba efana nomxholo nendlela intetha esetyenziswe ngayo, ithoni yengxoxo-mpikiswano kwakunye nezigwebo zangaphambili.

Intetha ezimbalwa zisoloko kwaye ngokuzenzekelayo azivumelekanga epalamente. Umzekelo unga 'bubuxoki/ixoki/ukuxoka'.

Umgqaqo obanzi ngowokuba aMalungu akanakho ukusebenzisa kwingxoxo-mpikiswano iintetha ezibeka izizathu ezingafanelekanga okanye ezingakhiyo, ezingathebekanga, uhanahaniso okanye ezifuna ukunyaniseka kwaMalungu okanye ezibhekisa kuwo ngendlela eyenyelisayo okanye ethukayo. Akufuneki naziintetha ezirheshayo emazeniwe ngakubomi babucala okanye imbonakalo yesiqu seLungu.

IGosa eloNgameleyo aliyi kunika ngqo isigwebo kwisijekulo esingenamsebenzi kuba oku kungaphazimisa ngokungeyo mfuneko ingxoxo-mpikiswano. Intembeko kwiimeko ezinjalo isoloko ibekwa kuBabheshi okanye amanye aMalungu athabatha izinqwawado. ABabheshi kufuneka ngokwenene ukuba bakubonke kungumsebenzi wabo ukuzisa iintetha ezizisa imbambano kwingqwalasela kaSihlalo, bekwasebenzisa ubulumko babo ukuba ingaba intetha ethile ifuna ukuba kuphazanyiswe intetho na.

Izinqwanqwado kufuneka zithatyathwe ngoko nangoko xa ulwaphulo lomgaqo olucingelekayo lusenzeka. Ngapha koko uSihlalo akanyanzelekanga ukuba agwebe kulo.

AMagosa awoNgameleyo kufuneka ukuba kangangoko akhawulezise ukunika izigwebo kwizinqwanqwado ukuze kucuthwe uphazamiseko lweenkqubo, nangona kwiimeko ezinzima uqwalaselo lwesigwebo luhlala lufanelekile emva kokumamela iHansard.

Ugxininiso olukhulu kulwimi olungakelekanga epalamente, ngendlela yezinqwanqwado nezigwebo, luza kunika aMalungu inzuzo yokuba ayazi imfuneko yokulungisa ulwimi lwawo ngokubanzi kwingxoxo-mpikiswano yawo. Kukho imfuneko yokukhuthaza umfanekiso ngokubanzi wePalamente yePhondo kwanokuba ngokusezingqondweni kuphetshwe ukuzisa iPalamente ehlazweni ngokusebenzisa ulwimi olungekho similweni.